

Communication from Council

The Council of Stellenbosch University (SU) held the third of its four scheduled meetings for the year on Monday 26 September 2022. The meeting again took place in hybrid mode, with the majority of members participating in person.

As decided at the previous meeting, Council started its session by reflecting on the University's [restitution statement](#).

In light of the recent incidents of racism on campus, the Rector and Vice-Chancellor Prof Wim de Villiers updated members on the progress of the independent commission of inquiry led by Justice Sisi Khampepe. The commission is expected to complete and deliver their report with recommendations by the end of October. The outcomes of the report will determine further discussion and actions by Council.

The Rector also reported on developments and successes at the School for Data Science and Computational Thinking and the School for Climate Change over the past year.

Prof Hester Klopper, Deputy Vice-Chancellor (DVC): Strategy, Corporate and Global Affairs, provided an overview of events in her responsibility centre over the past year and specifically highlighted the successes in the field of internationalisation.

Chief Operating Officer (COO) Prof Stan du Plessis, in turn, provided Council with an overview of activities in Operations and Finance. Council also reappointed him as COO for a second term.

In addition, we welcomed Prof Sibusiso Moyo, newly appointed DVC: Research, Innovation and Postgraduate Studies, to her first Council meeting.

Finally, Council approved the five individuals who will be receiving honorary doctorates from SU at our graduation ceremonies in 2022/23. The recipients represent a diverse group with an international reach, but their roots in Africa.

Despite the challenges in the aftermath of the pandemic and recent incidents on campus, the reports by Profs De Villiers, Du Plessis and Klopper confirm that SU is indeed moving in the right direction.

We had vigorous yet respectful discussions, and members are eager to map out a path for SU to carry on thriving.

Please read on for further details.

Kind regards

Ainsley Moos
Chair: SU Council

Honorary doctorates

Council approved that five honorary doctorates be awarded during SU's 2022/23 graduation ceremonies. The names will be announced soon.

Strategy, Global and Corporate Affairs

Our DVC: Strategy, Global and Corporate Affairs, Prof Hester Klopper, used her annual reporting opportunity to brief Council on progress in her responsibility centre, with a particular focus on international affairs.

SU currently has partnerships with 320 universities and research institutes in 64 countries on all continents, and Prof Klopper's responsibility centre has played a pivotal role in providing support for SU's internationalisation strategy across the University.

To view her full report, [click here](#).

Operations and Finance

COO Prof Stan du Plessis also presented his annual report to Council and provided an update on the financial stability of the University. He noted with concern that dwindling state funding, especially in terms of the National Student Financial Aid Scheme (NSFAS), posed a "real financial risk" to higher education institutions, but also assured Council of SU's financial health.

SU has made the single biggest investment in facilities of all South African universities, and our Environmental Sustainability Plan will have a far-reaching impact on our sustained success as an institution. Moreover, crime on our campuses has reduced over the past decade.

To view his full report, [click here](#).

Reappointment of COO

Prof Du Plessis was reappointed as our COO by an overwhelming majority. His second term starts on 1 January 2023 and will conclude on 31 December 2027.

Remuneration

After thorough discussion and consideration of the Rectorate's recommendations regarding remuneration adjustments for 2023, Council approved that base remuneration levels (BRLs) be capped at 6% growth and that the reward scheme for top performers be implemented in 2023. However, these recommendations are subject to Council's final approval of SU's 2023 budget at the end of 2022, as well as confirmation of our final government subsidy.

While staff have received higher-than-inflation adjustments over the past ten years, Council is also acutely aware of the impact of the flat economy on employees' pockets in the past 12 months.

Name changes in Faculty of Medicine and Health Sciences

The Department of Sport Science will be renamed the Department of Exercise, Sport and Lifestyle Medicine, while the Division of Biokinetics and Kinderkinetics will now be known as the Division of Movement Science and Exercise Therapy.

Personalia

First meeting

Senate elected Prof Lesley le Grange as new Council member for the term 1 July 2022 to 30 June 2024.

The Western Cape premier appointed Mr Danie Rossouw as new Council member for the term 1 August 2022 to 31 July 2026.

The Students' Representative Council (SRC) appointed Ms Masilo Silokazi and Ms Phiwokhule Qabaka as new Council members from the SRC's own ranks, to serve from 21 September 2022 to 20 September 2023.

Committees

Ms Masilo Silokazi was also appointed as the student representative on Council's Language Committee.

Next meeting

Council's last meeting for 2022 is scheduled for **28 November**.

Unxibelelwano olusuka kwiBhunga

IBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch (SU) lalibambe eyesithathu kwiintlanganiso zalo ezine ezicwangciselwe lo nyaka ngoMvulo umhla wama-26 kweyoMsintsi ngowama-2022. Loo ntlanganiso kwakhona yenzeka ngohlobo lwenkqubo eyingxube-vange, nalapho uninzi lwamalungu lwathatha inxaxheba ngobuqu bawo.

Njengoko kwakugqityiwe kwintlanganiso yangaphambili, iBhunga laye laqalisa iseshoni yalo ngokuthi lihle amahlongwane [intetho yembuyekezo](#) yale Yunivesithi.

Ngenxa yeziganeko zobuhlanga zakutsha nje ekhampasini, uRektha nonguSekela Ngqonyela uNjing Wim de Villiers waye wazisa amalungu malunga nenkqubela yekomishoni yophando ezimeleyo nekhokelwa yiJaji eNkulu uSisi Khampepe. Loo komishoni kulindeleke ukuba igqitywe kwaye idlulise ingxelo yayo enezindululo ingaphelanga inyanga yeDwarha. Iziphumo zaloo ngxelo zizo eziya kumisela iingxoxo ezingakumbi namanyathelo eBhunga.

URektha uthethe kananjalo wenza ingxelo emalunga nokuphuhla nempumelelo yeSikolo seNzululwazi ngeDatha nokuCinga ngokweeKhompyutha neSikolo soGuqu-guquko lweMozulu kwesi sithuba sonyaka sidlulileyo.

UNjing Hester Klopper, oliSekela likaSekela Ngqonyela (DVC) kwezeZicwangciso-maqhinga, ezeMicimbi yaseMsebenzini nezeHlabathi Jikelele, waye wabonelela ngoshwankathelo lweziganeko ezenzeke kwiziko lakhe loxanduva kwisithuba sonyaka esidlulileyo waza ngokukodwa wagqamisa iimpumelelo zakhe kumsebenzi wamazwe ngamazwe.

IGosa eliyiNtloko kwezeMisebenzi (COO) uNjing Stan du Plessis, emva koko, wabonelela iBhunga ngoshwankathelo lwemisebenzi yezokuSebenza nezeZimali. IBhunga lithe kananjalo lamtyumba kwakhona njenge-COO isihlandlo sesibini.

Ukongeza, saye samkela uNjing Sibusiso Moyo, i-DVC etyunjwe kutsha nje kwezoPhando, uBuchule neZifundo zaBafundi abaziZithwalandwe, kwintlanganiso yakhe yeBhunga yokuqala.

Okokugqibela, iBhunga laye lagunyazisa abantu abahlanu abaza kufumana izidanga zobugqirha ezingokuwongwa yi-SU kwimisitho yethu yothweso-zidanga yangowama-2022/23. Abo baya kufumana ezo zidanga bamele iqela labantu abahluka-hlukeneyo nabafikelela kumazwe ngamazwe, kodwa iingcambu zabo zise-Afrika.

Ngaphandle kwemingeni yezivubeko zobhubhane neziganeko zakutsha nje ekhampasini, ingxelo zooNjing uDe Villiers, uDu Plessis noKlopper ziyaqinisekisa ukuba i-SU ngokwenene ihamba ekhondweni elifanelekileyo.

Sibe neengxoxo eziqatha kodwa ezinentlonipho, kwaye amalungu azimisele ukwenza umkhombandlela wokuba i-SU iqhubekeke nokuphumelela.

Nceda uqhubekeke ufunda ukuze ufumane iinkcukacha ezingakumbi.

Ozithobileyo

Ainsley Moos
USihlalo weBhunga lase-SU

IZidanga zobuGqirha ezingokuWongwa

IBhunga liye lagunyazisa ukuba kunikezelwe ngezidanga zobugqirha ezingokuwongwa ezihlanu ngelixa lemisitho yothweso-zidanga yase-SU yangowama-2022/23. Amagama aza kubhengezwa kungekudala.

EZicwangciso-maqhinga, ezeMicimbi yaseMsebenzini nezeHlabathi Jikelele

I-DVC yethu kwezeZicwangciso-maqhinga, ezeMicimbi yaseMsebenzini nezeHlabathi Jikelele, uNjing Hester Klopper, waye wasebenzisa ithuba lakhe larhoqo ngonyaka lokwenza ingxelo ukuba azise iBhunga malunga nenkqubela yakhe kwiziko lakhe loxanduva, nalapho wayegxile ngokukodwa kwimicimbi yezamazwe ngamazwe. I-SU kungoku nje inobuhlakani neeyunivesithi ezingama-320 namaziko ophando kumazwe angama-64 kumazwekazi onke, kwaye iziko likaNjing Klopper loxanduva lidlale indima ebalulekileyo ekuboneleleni ngenkxaso yesicwangciso-maqhinga sase-SU samazwe ngamazwe kule Yunivesithi jikelele.

Ukuze ubone ingxelo yakhe epheleleyo, [cofa apha](#).

EzokuSebenza nezeZimali

I-COO uNjing Stan du Plessis wathi naye kananjalo wendlala ingxelo yakhe yarhoqo ngonyaka kwiBhunga waza wabonelela ngengcaciso yakutsha nje malunga nokuzinza kwezezimali kule Yunivesithi. Waqaphela ngenkxaabo ukuba ukuncipha kwenkxaso-mali karhulumente, ngokwe-National Student Financial Aid Scheme (NSFAS), kungakhokelela “kumngcipheko wokwenene wezezimali” kumaziko emfundo ephakamileyo, kodwa kananjalo waliqinisekisa iBhunga ngokuba sempilweni kwe-SU ngokwezezimali.

I-SU iye yenza utyalo-mali olunye nolulolona lukhulu kumaziko azo zonke iiYunivesithi zoMzantsi Afrika, kwaye iSicwangciso sethu soBuqilima bokusiNgqongileyo siza kuba neziphumo ezihambela nzulu kwimpumelelo yathu eluqilima njengeziko. Ngaphezu koko, ulwaphulo-mthetho kwiikhampasi zethu lunciphile kwesi sithuba seminyaka elishumi sidlulileyo.

Ukuze ujonge ingxelo yakhe epheleleyo, [cofa apha](#).

Ukutyunjwa kwakhona kwe-COO

UNjing Du Plessis waye watyunjwa kwakhona njenge-COO luninzi lwabantu oluvisayo. Isihlandlo sakhe sesibini siqala ngomhla wo-1 kweyoMqungu ngowama-2023 kwaye siya kuphela ngomhla wama-31 kweyoMnga ngowama-2027.

Imivuzo

Emva kokuxoxwa nokuthathelwa ingqalelo okunzulu kwezindululo zaBaphathi ngokujoliswe kulungelelaniso lwemivuzo lwangowama-2023, iBhunga laye lagunyazisa ukuba amaqondo emivuzo asisiseko onyuswe nge-6% kwaye umgaqo wokuwongwa kwabo basebenze ngokubalaseleyo umiliselwe ngowama-2023. Noko kunjalo, ezo zindululo zixhomekeke ekugunyazisweni okokugqibela kwebhajethi yase-SU yangowama-2023 ekupheleni kowama-2022 liBhunga, kwakunye nokuqinisekiswa kwenkxaso-mali yethu yokugqibela evela kurhulumente.

Ngelixa abasebenzi beye bafumana ulungelelaniso lwemivuzo olungaphezu kokonyuka kwamaxabiso ezinto kule minyaka ilishumi idlulileyo, iBhunga likwaliqonda kakuhle ifuthe loqoqosho olungahambi kakuhle kwiimpokotho zabasebenzi kwezi nyanga zili-12 zidlulileyo.

Ukutshintshwa kwamagama kwiFakhalthi yezoNyango neeNzululwazi zezeMpilo

ISebe leNzululwazi yezeMidlalo liza kuthiywa ngokutsha njengeSebe lokuZilolonga, ezeMidlalo nezoNyango kuBomi, ngelixa iCandelo leBhayokhinetiki neKhindakhinetiki liza kwaziwa ngoku njengeCandelo leNzululwazi yeeNtshukumo noLuleko ngokuZilolonga.

liNkcukacha ngoMntu

Intlanganiso yokuqala

ISeneyithi yaye yonyula uNjing Lesley le Grange njengelungu elitsha leBhunga ukulungiselela isithuba sexesha lokusebenza esisusela kumhla wo-1 kweyeKhala ukuya kowama-30 kweyeSilimela ngowama-2024.

Inkulubaphathiswa yaseNtshona Kapa yaye yatyumba uMnu Danie Rassouw njengelungu elitsha leBhunga ukulungiselela isithuba sexesha lokusebenza elisusela kowo-1 kweyeThupha ngowama-2022 ukuya kowama-31 kweyeKhala ngowama-2026.

IBhunga eliMele aBafundi (SRC) laye latyumba uNkszn Masilo Silokazi noNkszn Phiwokuhle Qabaka njengamalungu amatsha eBhunga kumanqwanwqa e-SRC buqu, ukuba basebenze ukususela ngomhla wama-21 kweyoMsintsi ngowama-2022 ukuya kumhla wama-20 kweyoMsintsi ngowama-2023.

liKomiti

UNkszn Masilo Silokazi naye waye watyunjwa njengommeli wabafundi kwiKomiti yeeLwimi yeBhunga.

Intlanganiso elandelayo

Intlanganiso yeBhunga yokugqibela yowama-2022 icwangciselwe umhla wama-28 kweyeNkanga.